UKWAZI AMAXABISO ERHAFU NEENKONZO ZIKAMASIPALA

HOAP

ICEBISO KUBANINI-ZINDLU INCWADANA YOLWAZI

DAG

YINTONI INTLAWULO YEENKONZO ZIKAMASIPALA KUNYE NEZINYE IINKONZO?

Oomasipala bengingqi kufuneka baqokelele imali yokuhlawula iindleko zokunikezelwa kweenkonzo kubahlali, ezinjengokwakhiwa kweendlela, amathala eencwadi kunye namabala okudlala. Bayifumana le mali ngokuthi baqokelele imali yentlawulo yeenkonzo zikaMasipala kunye nezinye iinkonzo kubantu abanemihlaba okanye izakhiwo ezizezabo.

Eyona ngeniso iphambili kooMasipala bengingqi ithi ivele kwintlawulo yeenkonzo zikaMasipala ethi ibe yirhafu yemihlaba okanye izakhiwo ezo. Iinkonzo zikaMasipala ziindleko zeenkonzo othi uzifumane kwindlu yakho ezifana nombane, amanzi, ukugutyulwa kwelindle kunye nokuthuthwa kwenkunkuma.

Abantu abamkela ama-R800 nangaphantsi ngenyanga, abantu abamkela inkam-nkam kunye nabo bakhubazekileyo nabangaphantsi kweqondo elithile lomvuzo, nabo bangakulungela ukufumana inkxaso ngezimali okanye uncedo olunikezwa abo bahluphekileyo. Oku kuthetha ukuba bahlawula nganeno noko kwiinkonzo zabo.

QAPHELA:

- Ezi ntlawulo ziqikelelweyo zeenkonzo zikaMasipala zikule ncwadana zisekwe kwiintlawulo zeenkonzo ze Cape Town Unicity zonyaka ka-2003/2004.
- Irhafu edityaniswe kwixabiso (vat) kungokunje iyi-14%, kwaye idityaniswa kuzo zonke iintlawulo zeenkonzo ngaphandle kwendleko zomhlaba (rates).

IINTLAWULO ZOMHLABA

Iintlawulo zomhlaba oza kuzihlawulela zisekelelwe kwixabiso lomhlaba okanye izakhiwo onazo. Rhoqo emva kweminyaka emine okanye emihlanu uMasipala wengingqi bathi bajonge ixabiso lomhlaba okanye isakhiwo sakho. Oku kuthetha ukuba ixabiso leentlawulo zakho zomhlaba lisenokutshintsha-tshintsha. Utshintsho lunakho nokwenziwa xa abaPhathi baloo ndawo befuna imali ethe kratya ukuphumeza izicwangciso zabo kwisithili sakho sikaMasipala.

Ixabiso lerhafu yomhlaba ehlawulwayo liyenyuka ngokwexabiso lomhlaba okanye isakhiwo eso sakho (umhlaba kunye nesakhiwo). Umzekelo, umnini-mhlaba omhlaba wakhe uxabisa ama-R75 000 uhlawula ama-R20 ngenyanga, ngeli lixa umnini-mhlaba omhlaba wakhe uxabisa i-R150 000 ehlawula ama-R90 ngenyanga. Ukuba umhlaba okanye isakhiwo sakho sixabisa ngaphantsi kwama-R50 000, awuyi kuhlawula rhafu yamihlaba.

UMBANE

Ukusetyenziswa kombane kubalwa ngee-khilowathi ozisebenzisileyo ngeyure. Iikhilowathi zombane ezingama-20 zokuqala ngeyure enyangeni azihlawulelwa, kodwa kujongwe ekulinyuseni elinani liye kuma kuma-50 eekhilowathi ngeyure. Amakhaya asebenzisa ngaphantsi kwama-500 eekhilowathi ngeyure enyangeni ahlawula ama-36% kwikhilowathi ngeyure.

Jonga izixhobo zakho zombane ubone ukuba zingaphi na iiwathi zombane ezizisebenzisayo ngeyure. Iisilinda zamanzi ashushu kunye nezitovu zisebenzisa owona mbane mninzi nganye kuzo isebenzisa umbane oxabisa ngaphezulu kwe- R50 ngenyanga.

Ukuba usebenzisa ibhokisi ebala ukusetyenziswa kombane, i-akhawunti yakho iza kubonisa iintlawulo zeenkonzo zenyanga ezixabisa malunga ne-R30, kwakunye nexabiso lombane osetyenzisiweyo kuloo nyanga.

Uninzi lwabantu lusebenzisa umbane othengwayo, ngako oko iintlawulo zombane aziyi kuvela kwii-akhawunti zabo.

ELONA CEBO LIBALULEKILEYO LELI :

- QALA UQONDE UKUBA UKULUNGELE KUSINI NA UKUFUMANA ISIBONELELO SABO BAHLUPHEKILEYO.
- IINTLAWULO ZEMIHLABA ZILIXABISO ELIQINGQIWEYO, NGELI XA AMAXABISO EENKONZO ESEKELEZWE KUMYINGE OSETYENZISIWEYO.
- IXABISO LAMANZI LIYAQIKELELWA LIZE LIHLENGA-HLENGISWE KAMVA KUSAKUBA KUFUNDWE IZIBONISO ZAMANZI OWASEBENZISILEYO.



AMANZI

Iintlawulo zamanzi zisetyenziselwa ukuhlawulela ukwakhiwa nokugcinwa kwamadama, amachibi, imibhobho yamanzi, iindawo zokuwatsala kunye nokucocwa kwawo ukuze alungele ukuselwa kwezo ndawo acocwa kuzo.

Wonke ubani unelungelo lokufumana iilitha ezingama-25 zamanzi acocekileyo ngosuku. Uninzi lwabaphathi beendawo luthi lunikezele ngeekhilolitha ezi-6 (iilitha ezingama-6000) zamanzi asimahla kumzi ngamnye ngenyanga. La manzi anele umzi onabantu abasibhozo, ngako oko imizi emininzi ayiwahlawuleli amanzi. Ukuhlamba nokuhambisa ilindle kwindlu yangasese kukholisa ukusebenzisa awona manzi maninzi ekhayeni.

Amanzi axabisa malunga ne-R2 ngekhilolitha nganye ukuya kutsho kwiikhilolitha ezili-12 ngenyanga. Ukuba usebenzisa ngaphezulu kwekhilolitha eziyi 12, eli xabiso liyenyuka.

I-akhawunti yakho iya kubonakalisa umyinge oqikelelweyo wamanzi asetyenziswe kuloo nyanga, othi wahlulwe ube zizintlu ezahlukeneyo: umzekelo, 0-6 khilolitha (umyinge wamanzi angahlawulelwayo), 7-12 khilolitha, 12-20 kilolitha njalo njalo. Inani leekilolitha kuluhlu ngalunye lithi liphinda-phindwe ngomyinge woluhlu olo, zize zidityaniswe ukunika ixabiso elipheleleyo lamanzi.

UGUTYULO LWELINDLE

Iintlawulo zogutyulo lwelindle zihlawulela iindleko zokuzisa nokulungisa imibhobho yokuhambisa ilindle kwanokusetyenzwa kwelindle elo. Ngamanye amaxesha ugutyulo lwelindle luye luhlawulelwe ixabiso eliqingqiweyo ngenyanga. Kanti, amaxabiso akholisa ukusekelezwa kumyinge wamanzi asetyenzisiweyo ngenxa yokuba uninzi lwamanzi asetyenziswa emakhaya (umzekelo, ekuhlambeni, ukuhlamba impahla, ukuhambisa ilindle kwindlu yangasese) aphelela kwinkqubo yokuhanjiswa kwelindle.

Akukho xabiso lalindle kwiikhilolitha zokuqala ezi-4.2 zamanzi asetyenzisiweyo. Emva koko uhlawula i-R1,45 ngekhilolitha enye yamanzi asetyenzisiweyo ukuya kutsho kwiikhilolitha ezi-8.4. Phakathi kwe-8.5 nama-28 eekhilolitha uhlawula i-3.14 ngekhilolitha nganye.

INKUNKUMA

Iintlawulo zokuthuthwa kwenkunkuma zihlawulela ukuthuthwa kwenkunkuma kwanokulahlwa kwayo kwiindawo ezibekelwe ukwenza oko. Abanini bemihlaba nezakhiwo ezixabisa ngaphantsi kwe-R50 000 abakuhlawuleli ukuthuthwa kwenkunkuma. Kwimihlaba nezakhiwo ezixabisa ngaphezulu kwe-R50 000, intlawulo yenyanga yokuthuthwa kwenkunkuma iyenyuka ngokunyuka kwexabiso lomhlaba lowo okanye isakhiwo eso. Umzekelo, umnini womhlaba okanye isakhiwo esixabisa i-R150 000 uhlawula i-R40 ngenyanga ekuthuthweni kwenkunkuma.

JONGA NEZINYE IINCWADANA EZINGO :

- Ugcino mali nenkcitho mali yekhaya
- Ukufunda i-akhawunti yakho kaMasipala

Ipapashwe Development Action Group
101 Lower Main road, Observatory, 7925
Umnxeba: (021) 448-7886 • Ifeksi: (021) 447-1987

zeeshaan nordien dtp